ICandelo leKharityhulam yeGET			QWALASELA
Isifundo	**ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA**	**Kota**	**1**
Ibanga	**4**	**Iveki**	**1**
Ingcebiso	• Yenza uvavanyo lokuhlola nokwenziwa komsebenzi ngendlela engaqingqwanga, noqhelaniso ngomgangatho ngeentsuku ezintathu zokuqala kwikota kwiVeki yoku-1 (ngeentsuku zoku-1 ukuya kwezi-3). • Idatha ke leyo inokusetyenziselwa ukuqaphela izikhewu ekufundeni. • Information Olu lwazi lungasetyenziselwa ukwazisa ngemisebenzi elandelayo yokufundisa nokufunda.		
IQHAGAMSHELWE KWISICWANGCISO SOKUFUNDISA NOKUHLOLA	• Ukuphulaphula nokufunda ibali elifutshane • Ukubhala ibali elifutshane elisekelezwe kubomi bomfundi ngokuthi kuchongwe • umxholo ofanelekileyo wesihloko. • Ukusetyenziswa kwesakhiwo esifanelekileyo sebali nokuyilwa kwabalinganiswa kusetyenziswa ulwimi, upelo neempawu zokubhala.		
IZAKHONO	• Abafundi bazakuqeqeshwa beqhelaniswa nemisebenzi yokubonisa abakuvileyo koko bakufundayo nabakufundileyo. • Ukubonisa iimpawu zebali kunye nezakhono zokubhala.		
UKUDIBANISA	• Ukuvakalisa uluvo ngetekisi azifundele yona umfundi nokusetyenziswa kolwimi ngokufanelekileyo esebenzisa iimpawu zokufundwa nokubhalwa kwebali. • Ukufunda yonke imihla		
Oovimba lincwadi: Incwadi yomfundi Incwadi yokufunda Incwadi yokusebenzela yeDBE		**Oovimba abafumaneka nge-intanethi:** **Snapplify** https://wcedeportal.co.za/curriculum-supporthttps://wcedeportal.co.za/partners/#103031	
IMISEBENZI KATITSHALA	**IZAKHONO** **(Ndiza kufundisa ntoni/isikhokhelo/inkxaso …)**	**lindlela zokufundisa/ uyenza njani** **(Ndiza kuyititsha njani/isikhokhelo/inkxaso…)**	**Oovimba** **(Ndiza kusebenzisa ntoni ukufundisa/isikhokhelo/inkxaso…)**
	UkuPhulaphula nokuThetha: **INOVELI EMFUTSHANE**	• Ukuchonga isigama esingaqhelekanga nesingaziwayo. • Ukuqikelela okuzakwenzeka ebalini njengentshayelelo yokuzakufundwa. Ukuchonga abalinganiswa • Ukuqaphela iingcinga eziphambili nezingundoqo. Ukuthetha kuphendulwa imibuzo malunga nebali.	1. https://www.youtube.com/watch?v=likN0_OLO6g 2. https://www.youtube.com/watch?v=MPGhEJicbC4
	UkuFunda nokuBukela:	• Abafundi mabakhuthazwe ukuqikelela oko bazakufunda	

		ngokusebenzisa imifanekiso nesigama esichongiweyo. Mabaxoxe ngesigama esitsha esisebalini. • Ukuchonga nokuchaza abalinganiswa nokuchaza kucaciswa izimvo zomfundi ngetekisi efundiweyo. Abafundi mabakufundiswe okanye bakuboniswe oku. • Ukusetyenziswa kweempawu zokufunda nopelo olufanelekileyo. • Ukuyila isichazi magama.	
	UkuBhala nokuNikezela: **Ibali elifutshane**	• Ukubhalwa kwebali elifutshane lisekelwe kokwenzeke kubomi bomfundi. Ukuchongwa komxholo ofanelekileyo nokusetyenziswa kwesakhiwo sokubhala ibali. Ukuyila isichazi magama.	
	Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa koLwimi:	• Ukufundisa ngokucacisa izibizo neendidi zazo, isinye kunye nesininzi.	
PARENT'S ACTIVITIES	UkuPhulaphula nokuThetha:	Fundela itekisi umntwana wakho uze uncokole naye malunga nebali elo. Khokela uqikelelo lwebali usebenzisa imifanekiso kunye nesigama. Yabelanani ngeengcinga nisebenzisa isigama esikwitekisi. Oku kuyakukhokelela kwizimvo zomfundi ngetekisi. Bonisa indlela oyinxulumanisa ngayo itekisi noko kwenzeka ebomini bakho okanye obomntu omaziyo. Buza imibuzo ekhokelela ekuqondweni kwebali elifundiweyo.	Iintanethi Iimagazini Amaphephandaba

LEARNER'S ACTIVITIES	. **Ukuphulaphula nokuthetha** • Umfundi makaqikelele umfanekiso • Makanxulumanise ibali namava obomi bakhe. 2. **Ukufunda nokubukela** • Umfundi makaqikelele esebenzisa umfanekiso nesihloko. • Makakhangele amagama angawaziyo. • Makafunde kunye notitshala okanye nomzali/ nabani onokwazi ukumncedisa. Ngenelela uncedise apho afuna uncedo khona umnfundi. • Makaphendule imibuzo emalunga netekisi ayifundileyo. 3.**Ukubhala nokunikezela** • Makabhale amagama angawaziyo kwisichazi-magama sakhe • Makabhale ibali elifutshane elinxulumene nokwenzeka ebomini bakhe. 4. **Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa koLwimi:** **Izibizo:** Ukuchonga izibizo, ukunika isinye nesininzi

1. Ukuphulaphula nokuthetha



Jonga umfanekiso ongentla uze uphendule imibuzo katitshala;

1.1 Xa ujonge lomfanekiso ucinga ukuba elibali lizakufundwa lingantoni?
1.2 Ucinga ukuba libali eliyinyaniso eli?
Xhasa impendulo yakho ngokuchaza ukuba utsho kuba kutheni.

1.3 Ingaba badala kangakanani ababantwana bakulomfanekiso ungentla?

Phulaphula ukufundwa kwebali ke ngoku. Uze uqaphele indlela afunda ngayo utitshala ngalo lonke ixesha efunda ukuze nawe wenze ngolohlobo;

QAPHELA: Abalinganiswa ebalini sibazi ngezenzo zabo, iingcinga zabo, neentetho zabo.

Phendula lemibuzo ilandelayo

1.3 Ngobani abalinganiswa abaphambili kwelibali ? Phuhlisa uluvo lwakho ngokunika izizathu zoko zibembini ukuya kwisithathu.
1.4 Chonga umlinganiswa abemnye uze uthethe ngeengcinga zakhe kunye nook akwenzileyo.

2. **Ukufunda nokubukela;**
   Funda ibali lonke uqale kwindawo obuyifundelwe ngutitshala uzokuthi ga kule ingezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo;

Kwakuyimini epholileyo kweyoMqungu mhla iqela lebhola ekhatywayo labangaphantsi kweminyaka eli-11 lisehla ebhasini ingunkxwee ingulowo ethethela phezulu. Babesiya kudlala umdlalo wabo wokugqibela welo xesha. Ngexa benqumla ibala ukuya ngasesitediyam, babeziva iivuvuzela kungunkxwe-nkxwe abantwana bekhwaza.

Wonke umntu wayonwabile malunga nomdlalo wokugqibela ophakathi kwesikolo iNew Town nesamabanga aphantsi iSea View Primary School.

U-Anna noMandu yayingamantombazana ekuphela kwawo kwiqela laseNew Town. Babenethemba lokuba baya kudlala kakuhle baze basithwaxe isikolo iSea View Primary.

U-Anna onguKapteyini, unqumle ebaleni, ezibona ngathi sele eyifumene indebe (itrofi) yeqela lakhe. Ube nombono wayo ikhazimla elangeni. U-Anna wayenenkathalo kakhulu. Wayeququzelele ikonsathi yesikolo ngenjongo yokwenza imali ukuze athengele abo bangakwaziyo ukuzithengela iibhutsi zesoka ezizezabo kwiqela lakhe. Namhlanje wayekulungele ukukhokelela iqela lakhe empumelelweni!

UMandu oneminyaka elishumi elinanye wayengomnye wabo babenemincili. Wayezibona efaka inqaku lempumelelo ngeebhutsi zakhe ezintsha zesoka ezimthubi. Ngephanyazo, watsho ngesikrakra isikhalo esiwa emngxunyeni.



"Ndincedeni!" wakhala esitsho. U-Anna, uPeter noJabu bajika bebaleka ukuya kumnceda. "Yhooo!" wakhala esitsho ngexa etsiba ngomlenze omnye. "Andikwazi ukuma ngonyawo lwam!" Wahlala phantsi engceni. "Ndiyathemba ukuba andophukanga eqatheni", utshilo enyembezana.

U-Anna wacinga ngokonzakala kukaMandu nokuba oko akusayi kumchaphazela na. "Ukuba uMandu akanako ukudlala, oko kuthetha ukuba andisayi kudlala. Kuya kufuneka ndimse eklinikhi".

U-Anna waphefumlela phezulu.

"Ungakhathazeki Mandu", utshilo. "Ndiza kusa kwagqirha".

"Hayi, Anna, hayi! Akunakuyenza loo nto. Ndiza kulinda apha de kuphele umdlalo".

"Akunakuhlala apha wedwa Mandu", uphendule njalo u-Anna.

U-Anna ubuyele kwiqela lakhe. Ezibambe ngeenkophe iinyembezi zakhe uthe, "Hambani niyokudlala. Niqinisekise ukuba niyaphumelela!"

2.1 Nika isihloko esifanele elibali.

……....

2.2 UMandu wayephakuzela. Sikwazi njani oku? Tyebisa uluvo lwakho ngokunika ingaciso.

……...

2.3 Yintoni ebonisa ukuba abadlali babonwabe kakhulu?

……

2.4 Ngokucinga kwakho, uAnna wayengumhlobo onjani kuMandu?

……

2.5 Chaza intsingiselo yalamagama angezantsi ngokuthelekisa nalawo abhalwe ngqindilili;
Ngephanyazo, ukubengezela, ukuvuya, ukukhala, kakhulu;
Ngesiquphe …… Ukuchwayita ……
Ukukhazimla …….. Ukugxwala ……..

3. Ukubhala nokunikezela;

Sebenzisa esisazobe singezantsi ukuyila ubhalo lwebali ubonise okwenzekayo ebalini. Sebenza notitshala ukucwangcisa ingcinga ezingundoqo nokulandelelana kwezimvo. ;

3.1 Bhala ke ngoku ilinge lakho libengumhlathi omnye onemigca emihlanu. Nika umzali okanye utitshala akulungise. Khumbula ukusebenzisa amagama asebalini owafundileyo neziphumlisi ngendlela efanelekileyo.

……
……
……

……
……
……
……
……
……
……
……
……

4. Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi;

Izibizo: Izibizo ngamagama ezinto ozibonayo nokwaziyo ukuziphatha.

4.1 Chonga izibizo zibentathu kwibali esilifundileyo uze uzobe umfanekiso ecaleni kwesibizo ngasinye.

a) …….

b) …….

c) …….

4.2 Bhala **isinye nesininzi** ngomfanekiso ngamnye kule ilandelayo;